Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

APRILI 2021

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

IZIKO LEMOZULU LEZASEMAJUKUJWINI ELITSHA I-SANSA LIQALILE UKUSEBENZA

UMphathiswa weMfundo ePhakamileyo, iSayensi neeNkqubo eziNtsha, uGqr Blade Nzimande, noSodolophu wezoLawulo waseOverstrand, uDudley Coetzee, ehamba kunye neCEO yeSANSA, uGqr Val Munsami, yeSANSA MD, uGqr Lee-Ann McKinnell kunye noSihlalo weBhodi yeSANSA, uXoliswa Kakana kumsitho wokuguqulwa kwesoyi kwiZiko leMozulu yezaseMajukujukwini elitsha (new Space Weather Centre).

NgoLwesibini, weyesi-9 Matshi 2021, uMphathiswa weMfundo ePhakamileyo, iSayensi neeNkqubo eziNtsha, uGqr Blade Nzimande, ekunye noSodolophu wezoLawulo waseOverstrand, uDudley Coetzee, basungule iZiko leMozulu yezaseMajukujukwini (new Space Weather Centre) lezigidi ngezigidi zeerandi ngomsitho wokuguqulwa kwesoyi.

Lo msitho wawuphawulwe luvuyo olukhulu olwalukwicala lamalungu ebhodi eSANSA, abasebenzi, iikhontraki nabathathi-nxaxheba.

IZiko leMozulu yezaseMajukujukwini elitsha (new Space Weather Centre) liquka isakhiwo esingama-788 m² esikwimihlaba yeSANSA Hermanus Campus eWestcliff kufutshane nezibhedlele zephondo nezabucala isakhiwo eso esilondolozwe njengendawo ecoceke ngendlela enomtsalane. Imiba efana yodwa yendawo ecoceke ngendlela enomtsalane kunye nokusetyenziswa ngokukhutheleleyo kwemithetho-siseko elawula ukusebenza kwesipopolisezasemajukujukwini(magneticobservatory)iyakuvumelai-SANSAukubaiqhubele phambili ngophando lwendawo yasemajukujukwini ekufutshane naseMhlabeni kwanokubonelela ngeemveliso neenkonzo ezikhethekileyo.

Kulindeleke ukuba iZiko leMozulu yezaseMajukujukwini (new Space Weather Centre) lisebenze ngokupheleleyo njengeziko elinika inkonzo epheleleyo ama-24/7 ukususela ngowoku-01 kuOktobha 2022.

UGqr Lee-Ann McKinnell, onguMlawuli owoNgameleyo weSANSA, ucacise ngokubaluleka kweZiko leMozulu yezaseMajukujukwini (Space Weather Centre) njengomzekelo wokugqwesa kwelizwekazi laseAfrika.

"IZiko leMozulu yezaseMajukujukwini (Space Weather Centre) liya kuba sisakhiwo esakhiwe ngobuxhakaxhaka bobugcisa bale mihla esinokuba nebhongo ngaso yaye ikhampasi yaseHermanus yeSANSA iya kuba yinto enxulumene ' 'nepakhi yezasemajukujukwini' - ukubaluleka akusayi kuba sekubeni yintoni engumqondiso wesakhiwo, koko iya kuba kubume bexabiso besizwe kunye nelizwekazi esilenzileyo ngokuthi siphuhlise ubuchule besizwe kwizakhono ezisisiseko, inkonzo eyongezelela inzuzo ephathelele kwicandelo elithile nelikawonkewonke, elibeka uMzantsi Afrika phakathi kweengcali zamazwe ngamazwe adibeneyo anika umngeni wamazwe ngamazwe adibeneyo emozulu yezasemajukujukwini, nonobangela wenkuthazo kulutsha lwaseMzantsi Afrika oluziinzululwazi zezasemajukujukwini zethu zexesha elizayo zethu, uqhube watsho.

UGqr Val Munsami, oyiCEO yeSANSA, uvumile yaye wagxininisa ukuba uMzantsi Afrika kufuneka uthathe indima yobunkokeli eAfrika kwicandelo lezasemajukujukwini. "Eli lelinye lamanyathelo kwamaninzi elijolise kwizicwangciso ezisalangazelelwayo zokwandisa iNkqubo yezaseMajukujukwini yaseMzantsi Afrika ukwenzela ukuba kuxhamle uluntu luphela."

Xa wayethetha nabo babekho, uSodolophu uCoetzee uchazile ukuba liwonga kuye ukuba yinxalenye yalo msitho unguvulindlela njengoko iZiko leMozulu yezaseMajukujukwini (Space Weather Centre) liyilelwe ukugcina ubungcali bodidi lwehlabathi yaye liya kutsala iinzululwazi eziphambili kwihlabathi jikelele ukuba zize eHermanus yaye libe liziko lokugqwesa kwimozulu yezasemajukujukwini. "Oku kulungelene kanye nesaci sikaMasipala waseHermanus naseOverstrand apho kwakhona sisebenzela ukuba liziko lokugqwesa kuluntu lwasekuhlaleni lwethu imihla ngemihla".

Uyincomile iSANSA ngenkqubela eyenziweyo ekwakhiweni kweziko loqeqesho apho ulutsha baya kufumana ulwazi lwabo ngemozulu yezasemajukujukwini eHermanus apho baya kuya ehlabathini ukuya kusebenzisa ulwazi lwabo. "Oku kundenza ndibe neqhayiya kukuba nguSodolophu wenu," uqhube watsho.

Kwiminyaka elishumi edlulileyo, iSANSA yenze iimveliso ezahlukeneyo ezithabathekisayo kunye neenkonzo eziya kumacandelo ngamacandelo ezinjengezophapho (aviation), emajukujukwini nakwishishini lobomi bezilwanyana zaselwandle (maritime industry). Ngo-2021, iSANSA ibhiyozela iminyaka engama-80 yeerekhodini zeziko lokupopola ezasemajukujukwini (magnetic observatory recordings) eHermanus, yaye ke ngoko kufanelekile ukuba eli Ziko leMozulu yaseMajukujukwini litsha (new Weather Space Centre) kufuneka lakhiwe apha eHermanus. "Ndininqwenelela impumelelo enkulu nokona kugqwesileyo kwiinzame zexesha elizayo zenu," uqukumbele watsho.

Kwintetho ephambili yakhe, uMphathiswa uNzimande uqhwabele izandla iSANSA ngenkqubo entsha yayo kwimingeni yezamazwe ngamazwe adibeneyo yemozulu yezasemajukujukwinir.

LOLWESIBHOZO NGOKULANDELELANAYO UPHICOTHO-ZINCWADI OLUNGENAMAKHWINIBA ESILUFUMENEYO

Ngunyaka wesibhozo ngokulandelelanayo, uMphicothizincwadi-Jikelele evakalisa ukwanelisa kwakhe yindlela uMasipala waseOverstrand aqhuba ngayo umsebenzi wakhe ebudeni bonyaka-mali wowe-2019/2020 yaye uyiqinisekisile into yokuhba umasipala, kwakhona, uye wahambelana mbo nokusebenza ngeyona ndlela iyiyo ngokunxulumene nolawulo lwezemali.

Ngaphezulu, le mbono ivakaliswe nguMphicothizincwadi-Jikelele ingqinisisa ukuba kwakungekho ziphumo zifunyaniswe zinamakhwiniba ngokuphathelele kwiinjongo esele zimiselwe yaye akukho bungqina bokungahambelani ngokuthe mbo nemithetho ephambili esebenzayo, zonke ezi zinto zibonisa ukuba iinkqubo zolawulo ngempumelelo kunye neenkqubo zolawulo zangaphakathi zimiselwe ngokufanelekileyo.

Esakube uMasipala waseOverstrand efumene iindaba zokuba ufumene uphicotho-zincwadi olungenamakhwiniba, uSodolophu wezoLawulo uDudley Coetzee udlulisele amazwi okubonisa uthakazelelo kuSantie Reyneke-Naudé, ongumlawuli wezemali, kunye neqela lakhe ngenxa yokukhuthala kwabo waza wavakalisa ilizwi elikhethekileyo lombulelo eliya kumphathi kamasipala osandula ukuthatha umhlala-phantsi, uCoenie Groenewald.

Umphathi kamasipala osesikhundleni, uDean O'Neill, uthabatheke ngokulinganayo ziziphumo ezizuzwe leli qela kodwa watsho elumkisa ukuba kuya kuba nzima ngokongezelekayo ukugcina isimo sophicotho-zincwadi olungenamakhwiniba yaye kufuna iinzame ezihlangeneyo ezisuka kwiqela laseOverstrand liphela.

"Ngokuqinisekileyo, abaphathi bebonke kunye nawo onke amalungu eqela kumaqela abo akufanele ukubulelwa sithi ngokuqinisekisa ukuba ukuthembeka kwezemali kwaseOverstrand kugciniwe. Ukuya phambili, kunzima kunjalo, thina njengeqela kuya kufuneka ukuba sizimisele nangaphezulu kunakuqala ukunceda ukuqinisekisa ukuba ubume isimo saseOverstrand siyagcinwa kungakhathaliseki mingeni esezayo," uqhube watsho uO'Neill.

KUYAKHAHLELWA KWIKLASI YOWMA-2020

Kwintlanganiso yeBhunga yakwi-intanethi eyayibanjwe ngoLwesithathu, wama-24 Februwari 2021, uSodolophu oLawulayo waseOverstrand uvuyisene nabematriki baka-2020 baseOverstrand ngempumelelo yabo - kungakhathaliseki zimeko zinzima abebejongene nazo.

Uye waqinisekisa kwakhona ngokukhahlela ootitshala beBakala 12 abancame izinto ezininzi ebudeni buka-2020 ukuqinisekisa ukuba impumelelo yabafundi babo kwezi mviwo zibaluleke gqitha yaye wababulela ngokusebenza nzima nokuzondelela. UCoetzee kwakhona uzinike ixesha ekhahlela abafundi ababini beBakala 12 ngenkqubo ekhethekileyo yabo kwiimviwo zematriki zika-2020. Iziphumo ezitshatsheleyo zakhe kwiMathematika zimbeke uDanie Gouws waseHermanus High kwindawo yokuqala kwilizwe lonke: "Sinebhongo ngawe, yaye siyakubulela ngokugcina isikolo sakho negama laseOverstrand phezulu. Ndiyakukhahlela," utshilo uSodolophu.

UJean Weight osuka kwiCurro eHermanus kwakhona unaso isizathu sokuzingca ngeziphumo zematriki ezibalaseleyo. Akaphelelanga uJean ekuphumeleleni i-100% elimangalisayo kwiMathematika, kwakhona wazuza oo-A abasibhozo yaye ubekwa kwi-1% yabafundi beBhunga leeMviwo eliziMeleyo (Independent Examinations Board) elizweni kwiMathematika nakwi-IT kwakunye neNkqubo ePhuhlileyo (Advanced Programme) yeMathematika. "Egameni leBhunga nakuye wonke ummi waseOverstrand, ndinqwenelela bonke abaphumelele imatriki bethu kuphela impumelelo eqhubelekayo njengoko besiya phambili kwisahluko esilandelayo sobomi babo," uqukumbele watsho uCoetzee. Umlawuli weLED nophuhliso lwamashishini, uVuyolwethu Gwantshu (onxibe ijezi embala ongublowu okhanyayo) kunye nabancedisi bakhe. Umququzeleli weprojekthi yeLED, uLuvo Bomvana (onxibe ihempe etyheli) kunye nabancedisa ngokuzithandela. Amalungu eMount Pleasant Community Garden babambisene neSebe leLED laseOverstrand ngoMgqibelo, wama-20 Februwari 2021, ukusasaza iibhantshi zespinatshi ezisuka kwigadi yabo ukuya kubahlali baseMt Pleasant. Iziko iNicolette Theunissen Centre, iziko lokujonga abantwana emva kweeyure zesikolo iJust Care aftercare centre, inkqubo iMount Pleasant Community Outreach Programme nganye kuzo zifumene iibhantshi ezilishumi zespinatshi esisandula ukuvunwa kwiprojekthi yegadi.

Umlawuli weLED nophuhliso lwamashishini, uVuyolwethu Gwantshu (onxibe ijezi embala ongublowu okhanyayo) kunye nabancedisi bakhe.

Umququzeleli weprojekthi yeLED, uLuvo Bomvana (onxibe ihempe etyheli) kunye nabancedisa ngokuzithandela.

Amalungu eMount Pleasant Community Garden babambisene neSebe leLED laseOverstrand ngoMgqibelo, wama-20 Februwari 2021, ukusasaza iibhantshi zespinatshi ezisuka kwigadi yabo ukuya kubahlali baseMt Pleasant. Iziko iNicolette Theunissen Centre, iziko lokujonga abantwana emva kweeyure zesikolo i Just Care aftercare centre, inkqubo i Mount Pleasant Community Outreach Programme nganye kuzo zifumene iibhantshi ezilishumi zespinatshi esisandula ukuvunwa kwiprojekthi yegadi.

IINDLELA EZITYHUTYHAYO EZITHANDWAYO II-HAROLD PORTER TRAILS ZIVALIWE NGELOKUZILUNGISA

PHUMLA KANCINCI KWINDLELA ENDE ETYHUTYHAYO I-ROD'S TRAIL ENDAWENI YOKO

Zombini indlela etyhutyhayo engamajiko-jiko neDisakloof boardwalk ekwisitiya sikazwelonke iHarold Porter National Botanical Garden ziya kuhlala zivaliwe ide ibe yiMpela-veki yePasika umdla usekwenzeni inkonzo ebalulekileyo ethile kunye nomsebenzi wokulungisa izinto.

Okwethutyana, abenyuki-ntaba bakhuthazwa ukuba basinga-singe iindlela ezityhutyhayo iRod's Trail kwindawo kawonkewonke kamasipala eBetty's Bay.

Le ndlela ityhutyhayo ilula noko ijika-jika phakathi kwezihlahla ezikumazantsi entaba ezichume yifynbos kwincochoyi zeentaba yaye zibonelela ngombono omde ongumcuthalalana weBetty's Bay. Kungenwa simahla yaye kunokungenwa kwicala lasekhohlo legeyithi etshixiweyo eya eHarold Porter eKloof Street.

Ngesenzo sobubele somhlali wendawo, uDolf Scheepers, abanyuki-ntaba banako nkqu nokuthatha ikhefu ukonwabela umbono uhleli esitulweni esibekwe endleleni kwiPipe Road esekupheleni kweendlela ezityhutyhayo.

Phumla kancinci: indlela etyhutyhayo iRod's Trail ngoku inesitulo apho abanyuki-ntaba banokuphumla kancinci khona bonwabele imbonakalo entle.

Iindledlana zeenyawo zeRod's Trail zaye zalungiswa ukususela kumlilo owawukhe wakho wagqugqisa.

UDeon Naudé wadlala iculo *The Last Post* waza uMfundisi woMkhosi uMark Robson wakhokela ababelapho ngomthandazo.

"But to stand an' be still to the Birken'ead drill
is a damn tough bullet to chew,
An' they done it, the Jollies --
'Er Majesty's Jollies -- soldier an' sailor too!
Their work was done when it 'adn't begun;
they was younger nor me an' you;
Their choice it was plain between drownin' in
'eaps an' bein' mopped by the screw,
So they stood an' was still to the Birken'ead drill,
soldier an' sailor too!"

Sisiqwenga esithathwe ku-Soldier an' Sailor Too, Rudyard Kipling

Inqanawa yomkhosi, i-HMS Birkenhead, yazika kwiiyure zangentseni ngowama-26 Februwari 1852. Ukuhlonipha abo banikele ngobomi babo ngobukhalipha ukwenzela ukuba amabhinqa nabantwana ababekuloo nqanawa yeshwangusha babe nokusinda lives so that the women and children onboard the stricken vessel could be saved, iinkonzo zesikhumbuzo zibanjwa kwihlabathi lonke malunga neli xesha.

Ngenxa yemiqathango yeCovid-19, umsitho wesikhumbuzo walo nyaka kwiDanger Point Lighthouse awukhange ube nokubanjwa yaye nokubekwa kweenkatha kwanyanzeleka ukuba kurhoxiswe ngenxa yemozulu embi.

Nakuba kunjalo, ngelilandela isithethe, iinqanawa eziliqela – ekuxhaswe ngazo yiMarine Dynamics, yiDyer Island Cruises kunye neWhite Shark Projects – zamiselwa kwizibuko eliseGansbaai kukho inani elincinane labantu ababekhwele kuzo ababemanyene kumthandazo yaye banika imbeko ngokuphosa iinkatha elwandle kufutshane neliwa apho inqanawa i-HMS Birkenhead yahlangana neshwangusha elilusizi lokuzika kwayo.

Kwithuba leminyaka engamashumi amane anesithathu emva kwale ntlekele, indlu Some forty-three years after this tragedy, indlu elukhanyiso elwandle – iNdawo yokuLumkisa ngeNgozi – yaye yakhiwa ekugqibeleni ukulumkisa iinqanaba ngeli liwa liyingozi. Nangona ingazange ibandakanywe kumthetho wezaselwandle wamazwe ngamazwe, umthambo iBirkenhead Drill - ngamabhinqa nabantwana kuqala – useyeyona nkqubo imiselweyo yokusaba ngalo naliphi na ithuba inqanaba izifumanisa isengozini.

Isikhumbuzo se-170 eminyaka. NgokukaGlenda Kitley weGansbaai Tourism, abantu abaninzi abazizizukulwana zabo babekhwele kwinqanawa i-HMS Birkenhead sichaze ukuba bafuna ukuzimasa isikhumbuzo se-170 leminyaka ngo-2022. Iinkcukacha ezingaphezulu ngokuphathelele koku kuya kwaziswa ngencwadi ebhaliweyo nje ukuba izicwangciso zibe nokuqukunjelwa.

UKUJONGISISWA KWETHENDA 2132/2020:
UKUBONELELWA NOKUZISWA KWEZIXHOBO ZOKWAKHA

ISiniki-maxabiso SC2132/2020: IsiBonelelo nokuZiswa kweZixhobo zoKwakha sethuba lekhontraki ephela nge-30 Juni 2023 ending 30 June 2023 sinikwe umntu liGosa eliPhendula ngokuSetyenziswa kweMali ngowe-18 Disemba 2020 emva kwengcebiso yeKomiti yokuGqiba ngeZiniki-maxabiso (Bid Adjudication Committee) kwintlanganiso eyayibanjwe ngoMvulo, ngowe-14 Disemba 2020.

Bonke abenza isicelo seziniki-maxabiso kubandakanywa nabenzi-sicelo seziniki-maxabiso abaphumeleleyo nabangaphumelelanga baye baziswa ngokukhutshwa okokugqibela kwesiniki-maxabiso ngomhla wama-21 Disemba 2020 kodwa wawulawulwa nguMhlathi 49 wethuba lokuvakalisa inkcaso leentsuku ezili-14 ngokungqinelana neMimiselo engoLawulo lokuThengwa kweeMpahla neeNkonzo kaMasipala kunye nethuba lokufaka isibheno leCandelo 62 leentsuku ezingama-21 ananye ngokungqinelana noMthetho ongeeNkqubo zikaMasipala (Municipal Systems Act). Amathuba okuvakalisa inkcaso nokwenza isibheno aphele ngowesi-04 Januwari 2021 nangowe-11 Januwari 2021 ngokulandelanayo. Akukho kuvakaliswa kwenkcaso kunye/okanye zibheno kufunyenweyo emva kokuba isiniki-maxabiso sasinikwe umntu sifunyenwe emva kokuba iSebe loLawulo lokuThengwa kweeMpahla neeNkonzo amanye amaxwebhu, ngenxa yeemposiso ezenzeke ngengozi nezikholelekayo ngokuphathelele kwimiba ethile, ziye zanikwa abantu ngokungachanekanga.

Umasipala waye wafuna ingcebiso yezomthetho ngokuphathelele kwiimposiso ezenzeke ngengozi neemposiso ezikholelekayo kwisiniki-maxabiso yaye kucetyiswe ukuba akuyomfuneko ukusibekela bucala sonke isiniki-maxabiso.

Zonke izinto zikhutshwe ngokuchanekileyo yaye ngolo hlobo azichatshazelwa ziimposiso ezazinikwe abantu ngokusemthethweni nezisasebenzayo. Akukho kujongisiswa kufunekayo kwezo zinto zinikwe abantu ngokuchanekileyo, yaye umasipala uya kungena kwiikhontraki nabenzi-sicelo seziniki-maxabiso xa ezo nkonzo zifunekayo.

Ngokunxulumene naloo miba inikwe abantu ngokungachanekanga, umasipala unyanzelekile ngokusemthethweni ukufuna umyalelo wethunyana omthintelayo umasipala ubuqu kunye nabenzi-sicelo abaphumeleleyo ekwenziweni kokunikwa komntu isiniki-maxabiso kude kuthi kanti kubuye kwajongwa kwakhona ekugqibeleni.

Isicelo esijongisiswayo kwakhona siya kukhutshwa kungekudala.